basic education

Department:
Basic Education
REPUBLIC OF SOUTH AFRICA

SENIOR CERTIFICATE EXAMINATIONS

ISIXHOSA ULWIMI LWASEKHAYA (HL)

IPHEPHA LOKUQALA (P1)

2018

AMANQAKU: 70

IXESHA: Iiyure 2

Olu viwo lunamaphepha ali-11.

IPHEPHA LEMIYALELO NEENGCACISO

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

ICANDELO A:	Isicatshulwa sokuqonda	(30)
ICANDELO B:	Ushwankathelo	(10)
ICANDELO C:	Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi	(30)

2. Funda YONKE imiyalelo ngocoselelo.

3. Phendula YONKE imibuzo.

4. Qala ICANDELO NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

5. Krwela umgca ekupheleni KWECANDELO NGALINYE.

6. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

7. Shiya umgca emva kwempendulo NGANYE.

8. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

9. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

   ICANDELO A: Imizuzu engama-50
   ICANDELO B: Imizuzu engama-30
   ICANDELO C: Imizuzu engama-40

10. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

ICANDELO A: ISICATSHULWA SOKUQONDA

UMBUZO 1: UKUFUNDELA INTSINGISELO NOKUQONDA

Funda IZICATSHULWA A no B ezingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuzo.

ISICATSHULWA A

AMAPHUPHA

1 'Ndiphuphe kamnandi mama, phezolo
Itafile izele kukutya kwabelungu.
Engasaphang'uThemba!
Womiwa'uLanga!'

Ubusakuqhuba utsho umbongwana wabantwana abasekumabanga aphantsi. Ngaphandle nje kokuba lo mbongwana ubonisa ukuthanda kwabantwana ukuxelela abazali ngamaphutshana abo, ngakumbi lawo amnandi, ukwanazo nezinye iinjongo onazo. Ukwabonisa neenzame zabadala ekufundiseni abantwana ngokuxabiseka kwamaphupha kwintlalo kaXhosa. Enye indawo ephuhliswa ngulo mbongwana yile yokuba amaphupha ayimizobo yeminqweno yabantu, oko kukuthi ayakwazi ukuzivelisa izinto abangathanda ukuba nazo abantu. Umntu xa enento ayinqwenelayo angade ayifumane okanye angenakuyifumana, iya kumana imfikela emaphupheni, azibone enayo.

2 Amaphupha alikhonkco phakathi kwabantu kunye noThixo wabo, kuba njengoko kungekho ukuba angathetha nabo ubuso ngobuso, uzivelisa kubo emaphupheni ngokuthi azinyulele othile phakathi kwabo aya kuyidlulisa ngaye imiyalezo ebantwini. Kungoko ke kubakho kwizizwe ngezizwe abantu abaye baziwe ngokuba ziimboni okanye abaprofeti. Umsebenzi wokunxibelelanisa abantu noQamatha ngowezinyanya. Izinyanya ngabadala abasele bekwelemimoya abamoya wabo uhamba-hamba apha phakathi komzi ngamnye, ukhusela, ukhokela, uthontsela iimfefe neentsikelelo. Amandla okwenza konke oku kukholelwa ukuba bawanikwa nguye. Ngoko ke zonke ezi zizipho ezigqithiswa ngezinyanya nguQamata, ngeenjongo zokubulela ezi zipho nangeenjongo zokuboniswa iminqweno yokunga izinyanya ezingayeki ukuthethela abantu kuQamata, abantu baba namadini abawenzela izinyanya.

3 Njengokuba abangasekhoyo bengenakuba sakwazi ukuza kuthetha nabasaphilayo bengabasenyameni, beza ngamaphupha. Yiyo ke loo nto amaphupha exabiseke kangaka nje kumntu ongumXhosa. Yiyo le nto imibongwana yabantwana enjengalo ungentla apha kubalulekile ukuba bayifundiswe abantwana beselula. Kangangokuxabiseka kwamaphupha kwaXhosa sele zade zaninzi neenkolelwana ezinento yokwenza namaphupha. Kukho izinto ekuthiwa azifuneke entla komandlalo zizisa amaphupha amabi namdaka. Ukutya kakhulu phambi kokulala nako kuthiwa kuwenza mabi amaphupha. Zikwakho nezinto ekukholelwa ukuba ziyawagxotha amaphupha amabi. Ukubeka imela phantsi komqamelo kuthiwa kunceda kakhulu ekugxotheni amaphupha amabi. Bakho abantu abanelishwa lokuwalibala amaphupha. Loo nto ke yenza ukuba umntu angakwazi ukulawulela abanye abantu kusasa.

Ilishwa kule nto kukuba, kuqala, umntu angatyeshela izicelo nemiyalelo yezinyanya zakhe, athi ngokwenjenjalo kanti uzibizela ingqumbo enokumenzela amagingxi-gingxi amaninzi ebomini bakhe. Okwesibini umntu olibala amaphupha uyaphoswa bobuya buncwane buhamba nokwetyisa amaphupha amnandi. Kukho ke nenkolelo yokuba umntu kufuneka athi akuphaphama ephupheni aphakame aye kutshica phandle, nokuba kungefestile, okanye atshice kwalapha ecaleni lomandlalo, aze abethe phantsi ngenqindi. Ngokwenza konk' oku, kukholelwa ukuba umntu uya kuphila kwisifo sokulibala amaphupha.

4 Kangangokuxabiseka kwemiyalelo nezicelo zabangasekhoyo eziza ngamaphupha, umntu uyakwazi ukuba athi nokuba ukude kangakanani na nekhaya, ahambe agoduke anqumle amathafa ewela imilambo enamagama, esiya kwenza loo nto acelwe okanye ayalelwe ayenze zizinyanya. Uya kubuya apho exole kakhulu ngoku athe wakwenza oko bekucelwe ngephupha. Kuya kuphela konke okuya kuthi khunubembe ebesoloko ekubonakalisa phambi kokuya ekhaya.

5 La maphupha siwaphupha silele siqaphela ukuba aziindidi ngeendidi. Kukho la aziziphithanyongo ezingacaci kakuhle, apho uya kuze uthi usekuthini ubone usekuthini, kwindawo engadibenanga nale ubukuyo kuqala. Kukho la mabi amenza umntu ngelinye ixesha azive sele ekhala; omnye ade avuke abaleke. Kukho la ayimiyalelo nezicelo zabangasekhoyo. Kukho la angqamene neminqweno yabantu. La ke ngala kwenziwa ngawo unxibelelwaniso neminqweno neenjongo zabantu ebomini babo.

6 Izinto abaziphuphayo abantu zilawulwa sisimo sentlalo ukuba ziya kuba zizinto ezinjani na. Ngexesha zazingekabikho iiYunivesithi, kungangenkankulu ukuba kuthi kanti kwakukho abantu abaphupha beziintloko zeeYunivesithi. Ukuba umntwana uthi uphuphe kamnandi xa aphuphe itafile izele kukutya kwabantw'abadala, loo nto ixela ukuba ngokwesimo sentlalo akuso kukho ukutya okunqwenelwayo ngabantwana bengakufumani, koko kufunywana ngabantu abadala kuphela.

7 Amaphupha omntu ngamnye azala amaphupha omzi uphela. Ngoko ke kubalulekile ukuba umzi utsale ngaxhatha linye kumaphupha awo, kungabikho abanamaphupha awutsalela eLatakisa, kwakunye nabangaphuphi nokuphupha. *Kaloku kukho ingozi ebagubungeleyo abomzi ekungaphutshwayo kuwo.*

8 Akukho nto imbi nebuhlungu njengomzi onabantu abangenamaphupha, abaxhomekeke ekuphutshelweni ngabeminye imizi, bamane bexelelwa ukuba 'nokuba aniphuphanga nina akukho nto, ningazikhathazi, sikhona siza kuniphuphela, kuba sisazi zonke iinkalo ekufaneleke ukuba niziphumele.'

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *IMFINCAMFINCANE*, ebhalwe ngu ZS Zotwana, amaphepha 44–52, saze sahlelwa]

ISICATSHULWA B



[Ucatshulwe kwi-intanethi-www.googlesearch.com]

IMIBUZO: ISICATSHULWA A

1.1 Lilawulelwa bani iphupha elikumhlathi wokuqala? (1)

1.2 Nika izinto zibe MBINI ezidandalaziswa ngulo mbongwana ukwisicatshulwa ngabantwana. (2)

1.3 Tyhila indlela amaphupha ayiveza ngayo iminqweno engafezekiswanga. (Umhlathi woku-1) (1)

1.4 Chaza indima yamaphupha kwiimboni nakubaprofeti. (Umhlathi wesi-2) (2)

1.5 Xela izinto zibe MBINI eziluncedo ngazo izinyanya ngokwesicatshulwa. (Umhlathi wesi-2) (2)

1.6 Nika isiphumo sibe SINYE esiveza ububi bokulibala obukuphuphile. (Umhlathi wesi-3) (1)

1.7 Shwankathela ngamazwi akho okuchazwa ngumhlathi wesi- 4. (2)

1.8 Chaza iindidi zibe MBINI zamaphupha ezikhankanywe kumhlathi wesi-5. (2)

1.9 Chonga isivakalisi esichaza ukuba abantu baphupha ngesimo sentlalo abasaziyo. (Umhlathi wesi-6) (1)

1.10 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zilandelayo. Ulisebenzise ukuveza ntoni umbhali ibinzana 'utsale ngaxhatha linye'? (Umhlathi wesi-7)

Ukuveza ...

A ukubambisana.
B ukuxhwithana.
C ukuthethisana.
D ukuxabana. (1)

1.11 Kukuthini ukutsalela eLatakisa? (Umhlathi wesi-7) (2)

1.12 Uyavumelana na noluvo lombhali olubhalwe bukekela? (Umgca 73–74) (2)

1.13 Nika imfundiso yesicatshulwa. (2)

IMIBUZO: ISICATSHULWA B

1.14 Yintoni le iboniswa ngumzobi kulo mfanekiso? (1)

1.15 Yeyiphi imvakalelo evezwa ngumntu oxwaye ubhaka emqolo onyuka ileli? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.16 Ucinga ukuba kutheni umzobi esebenzise iingalo zabantu abemi ngeenyawo ukwakha amanqwanqwa eleli? (2)

IMIBUZO: ISICATSHULWA A noB

1.17 Xela ukuba zifana zize zahluke ngantoni izicatshulwa A noB? (4)

AMANQAKU ECANDELO A: 30

ICANDELO B: USHWANKATHELO

UMBUZO 2: UKUSHWANKATHELA NGAMAZWI AKHO

ISICATSHULWA C sithetha **ngobomi xa busiba krakra**. Shwankathela esi sicatshulwa simalunga neengcebiso zokuqubisana nemingeni yobomi.

QAPHELA:

1. Ushwankathelo lwakho ngokoMHLATHI maluquke iingongoma ezisi-7 lungedluli kumagama angama-70.
2 Bhala UMHLATHI ongenaziphene.
3 AKULINDELEKANGA ukuba ubhale isihloko xa ushwankathela.
4 Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

ISICATSHULWA C

XA UBOMI BUSIBA KRAKRA

Ayizizo zonke izinto eziza kuhamba ngendlela yakho; naxa sele ukwenze konke, ubomi bunendlela yokuvela bukujikele. Bonke abantu abaphumeleleyo banamabali amaxesha okujika kwezinto zibe krakra ebomini babo.

Unolawulo lwayo yonke into eyenzeka ebomini bakho nakwikamva lakho, maxa wambi imeko iye ibe ngaphaya kwamandla akho. Kukho izenzo zabanye abantu ezivele zichaphazele ubomi bakho ngqo. Ngoko ukuba wenza izigqibo, thatha uxanduva lwazo. Ungayenzi impazamo yokutyhola omnye umntu.

Into ekumele uyenze ngexesha leenzingo nezaqhwithi kukufihla nje oku kwentloko de zidlule. Musa ukuleqa into eza kwenzeka ekugqibeleni. Liyinyani elithi izenzo zakho ziphembelela ezinye izenzo kwaye xa usenza into, ukwakhetha nesiphelo, kodwa akusoloko kunjalo.

Uninzi lwezinto ludla ngokuzilungisa ngokwalo ekuhambeni kwexesha. Ubusika bufika budlule, ukanti nobusuku buye bujike bube yimini. Isivuno sisoloko sisiza emva kokuba kutyaliwe, kwasiphulwa ukhula, kwahlakulwa kwaze kwankcenkceshelwa. Ungaze ulahle ithemba nokuba ulahlekelwe yintoni. Maxa wambi uza kulila, ube nemisindo, uphulukane nethemba kodwa xa kudlule konke, zivuthulule uze ungayibonakalisi imeko yakho.

Impumelelo yangoku mayingakuzi entloko, kuba imihla yokujika kwezinto ayikho kude olo hlobo. Umhla weenzingo nobunzima ufika nawo, ungawuvumeli ukuba uzinze entliziyweni okanye ukuxelele ukuba ungubani. Eneneni nguThixo kuphela owaziyo ukuba ukude kangakanani na nokujika kwezinto ebomini bakho.

Bulela okuncinci onakho, nakwintsunguzi yobumnyama ikhona intlantsi yokukhanya. Bubuke ubuhle obukungqongileyo uze ube nombulelo ngezinto ezintle ebomini. Zisengaba khona izinto ezimbalwa ongakwaziyo ukuziphumeza, kodwa qwalasela ezi ukwaziyo ukuziphucula uze uzixakekise ngazo.

Bhiyozela onke amathuba onawo, iinzingo ziza kude ziphuqeke ziwe phantsi zide ziphele. Amanye amadabi obomi athatha iminyaka ngeli xesha amanye ethatha ithutyana elincinci. Umngeni ngala athatha ixesha elide ngokuba xa ziqala ukulunga izinto ziye maxa wambi ziqala ukulunga kancinci-kancinci. Kuye kube nzima ukuqaphela loo mtyhi kodwa xa uthe wawuqaphela, wubambe ngazo zozibini uze uwuvuyele.

[Sicatshulwe kwimagazini iBONA, kaMatshi 2016, iphepha lama-60, saze sahlelwa]

AMANQAKU ECANDELO B: 10

ICANDELO C: IZAKHI NEMIQAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

UMBUZO 3: UKUHLALUTYA ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda le ntengiso (ISICATSHULWA D) ingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuyo.

ISICATSHULWA D



[Sicatshulwe kwi-intanethi-www.google.com]

3.1 Xela imveliso ethengiswayo kwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.2 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.3 Nzuzo ni efunyanwa ngokusebenzisa le mveliso ikwesi sibhengezo-ntengiso? (2)

3.4 Loluphi uluvo olugxininiswa ngumzobi ngokubakho kwamagqabi kwisibhengezo-ntengiso? (1)

3.5 Sebenzisa isimnini 'lwemithambo' kwisivakalisi sinike intsingingiselo eyahlukileyo kule ikwisibhengezo-ntengiso. (2)

3.6 Khetha impendulo echanekileyo kwezi zingezantsi. Nika ulwimi olusetyenziswe kwisivakalisi esilandelayo:

'Isimbambazeli samachiza emvelo.

Ulwimi ...

A olugweba lugqibe.
B olujija ingqondo.
C olucalu-calulayo.
D oluveza icala elinye. (1)

3.7 Ubungayithenga wena le mveliso ithengiswa apha? Xhasa impendulo yakho. (2)
[10]

UMBUZO 4: UKUQONDA EMINYE IMIBA YEMIDIYA

Funda ISICATSHULWA E esingezantsi uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA E: IKHATHUNI



[Icatshulwe kwi-intanethi-alankennedy.blogspot.com]

4.1 Xela into eyenzeka kwibhokisi yokuqala. (1)

4.2 Chaza inkangeleko yobuso babafundi abasezantsi kweleli ekwibhokisi yoku-1. (2)

4.3 Mqondiso mni omelwe yileli eyaphukileyo kwibhokisi yoku-1? (1)

4.4 Nika isichasi segama 'abaphumelela' elikwibhokisi yesi-2. (2)

4.5 Ucinga ukuba kutheni ingumyinge wama-25 eepesenti yabafundi abazelwe emva kwenkululeko abaphumelela imatriki? (2)

4.6 Cebisa abafundi abawileyo kwileli ekwibhokisi yoku-1. (2)
[10]

UMBUZO 5: UKUSETYENZISWA KOLWIMI NGOKUCHANEKILEYO

Funda ISICATSHULWA F, esineempazamo ezithile ezenziwe ngenjongo uze uphendule imibuzo esekwe kuso.

ISICATSHULWA F

INDLELA NEMPUMELELO

1 Sisonke apha emhlabeni sifuna impumelelo. Kuba **si**funa yona sisebenza nzima ngabanye sinyeke ukonwaba phezu kwemizamo yethu sakuba siyekile ukusebenza.Kungenxa yale mizamo uthi ubone abantu besenza izinto ezibukekayo, ezincomekayo,ezintle nezibalulekileyo.

2 Indlela eya empumelelweni iyenyuka. Ohamba ngayo kunyanzeleka aqinise umqolo azame ngako konke anako ukufikelela kwiqondo abenyeke ukufikelela kulo esazi uya kube uyiphumezile yonke imizamo yakhe ebomini. Akulula ukuhamba le ndlela, kuba inamathambeka, **imilambho** enemigxobhozo,amadike, amahlathi amnyama nemiba ethile emxinwa yobomi.

3 Ohamba le ndlela udibana nezinto ezidlikidla iinzame zakhe. Zimbi ziba ngumqobo endleleni yakhe. Uthi omnye akubethwa ngamaqhwa kwiingxingwa zale ndlela akhethe ukubuya umva anganyamezeli selekufuphi empumelelweni.

4 Ubom busibeka kwiimeko ngeemeko ekufuneka sizinyamezele endleleni yethu. Umzekelo ukho kwizinto ezininzi esizibonayo umhla nezolo. Uthi umbumbi wengqayi akuba eyibumba ithi yakuqhekeka abumbe enye ade awufeze umsebenzi wakhe. Indoda efumana isivuno esihle yileyo iwusebenza ngenyameko umhlaba wayo.

[Sicatshulwe kwincwadi ethi *IMIBA YOBOMI* ebhalwe nguGS Mabusela, iphepha 81–82 saze sahlelwa]

5.1 Sesiphi isigaba sentetho esikrwelelwe umgca ngaphantsi kwisivakalisi?

Sisonke apha emhlabeni sifuna impumelelo. (1)

5.2 Sisetyenziswe njani isakhi u-si esibhalwe ngqindilili kwisenzi esikwisivakalisi esilandelayo?

Kuba **si**funa yona sisebenza nzima ngabanye sinyeke ukonwaba phezu kwemizamo yethu sakuba siyekile ukusebenza. (1)

5.3 Nika intsingiselo yebinzana 'aqinise umqolo' elisetyenziswe kwisivakalisi esilandelayo.

Ohamba ngayo kunyanzeleka *aqinise umqolo* … (1)

5.4 Bhala imo elandulayo yesenzi' ukuhamba' kwesi sivakalisi silandelayo.

Akulula **ukuhamba** le ndlela. (1)

5.5 Lungisa isiphene kwisibizo esibhalwe ngqindilili kwisicatshulwa. (1)

5.6 Senze msebenzi mni isichazi esikrwelelwe umgca ngaphantsi?

… amahlathi <u>amnyama</u> … (1)

5.7 Siphuhlisa eyiphi intsingiselo isichazi esikrwelelwe umgca ngaphantsi?

Uthi <u>omnye</u> akubethwa ngamaqhwa kwiingxingwa zale ndlela ... (2)

5.8 Sebenzisa isiqu sesenzi u-bumba wakhe isivakalisi size sithabathe iinjongosenzi ezimbini.

Uthi umbumbi wengqayi akuba eyi**bumba** ithi yakuqhekeka abumbe enye ade awufeze umsebenzi wakhe. (2)
[10]

AMANQAKU ECANDELO C: 30
AMANQAKU EWONKE: 70